UZodwa wayesisikhukhukazi esibomvu esihle esasihlala kwifama enkulu. Iinkukhu zasefama zibekela amaqanda yonke imihla.





UZodwa wayebekela awona maqanda makhulu nawona abalaseleyo. Wayenebhongo kakhulu ngamaqanda akhe.

Kodwa amaqanda kaZodwa aqala ukunyamalala.

UZodwa wayebuhlungu kakhulu ngamaqanda akhe alahlekileyo.

“Anyamalele phi onke amaqanda am?” wadwekesha ezibuza.





UZodwa wagqiba ekubeni azimele ukuze afumanise okwenzeka kumaqanda akhe.

“Ndizakulibamba eli sela lamaqanda,” wazicingela.

Waxelela oodade bakhe icebo lakhe, bavuma ukumncedisa.

“Ngorhatya lwanamhlanje, sizakukhe sibone ukuba ngubani oba amaqanda am,” watsho uZodwa.





Emva kokuba egqibile ukubekela amaqanda, uZodwa wabhabha wathi ngcu kumthi okufuphi ukuze alinde.

Oodade wabo abathathu nabo bazimela.

Iinkukhu zahlala ngomonde zizolile. Wahlala yedwa uZodwa emthini eqaphile, walinda, walinda.

UZodwa wabona uSibi, inja yomfama. USibi wayesanda kufika efama.





USibi walaqaza wade wayibona indlwane ka Zodwa phantsi kwetyholo.

USibi wajoja amaqanda kaZodwa.  Watyhala iqanda elinye  ngeempuphu.


Wavula umlomo efuna ukubimbililiza iqanda.

Ngephanyazo, gqi uZodwa ebhabha ngaphaya komthi.

“Amaqanda am! Amaqanda am!” walilisela ngomsindo.

“Ungalingi emaqandeni am Sibi!”Oodade bakhe balilisela baleqa kuSibi.

Zonke iinkukhu zalilisela, zibhabha, ziphephezela zamgubungela. Wadwanguza uSibi wabaleka wemka.



Ukusukela loo mini, uZodwa wabekela amaqanda ephole ingqondo. USibi yena, akazange aphinde azame ukuba amaqanda!

